URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
Alison February
ICandelo eliyiNtloko loLawulo lweeNkqubo zaBasebenzi
Alison.February@westerncape.gov.za | 021 467 2683

Inombolo yefayili: 3/3/1/1/3
Isalathiso: 20220308-467

ISetyhula: 0012/2022
Umhla wokuphelelwa: 30 Septemba 2022

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela-Balawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe, kwiiNqununu nakumaBhunga oLawulo

Isishwankathelo esifutshane: *IProjekthi yePhulo leNgqesho yoLutsha le-Ofisi kaMongameli (Presidential Youth Employment Initiative– ISigaba III.*

Isihloko: Ukuphunyezwa kweSigaba III seProjekthi yePhulo leNgqesho yoLutsha le-Ofisi kaMongameli (*Presidential Employment Initiative Project*) (*PYEI*)

1. ISetyhula 0064/2021, yomhla we-13 Oktobha 2021, yokuqaliswa kweSigaba II seProjekthi i-*PYEI* ebhekiselele kwicandelo lemfundo esisiseko, imalunga noku.

2. Liyathakazelelwa igalelo lenu lokubonelela ulutsha ngamathuba omsebenzi wokufumana amava anexabiso okusebenza kwindawo yomsebenzi. Kufunyenwe ingxelo encumisayo gqitha emalunga negalelo elenziwa lulutsha ngokunxulumene neziphumo zemfundo ezikolweni neyokuba bawafumanisa enjani na amathuba omsebenzi abawanikiweyo.

3. Ngenxa yengxelo encumisayo emalunga neziphumo zale nkqubo namava afunyenwe lulutsha ngethuba leSigaba II sePhulo i-*PYEI*, i-Ofisi kaMongameli ngokuxhaswa yi-Ofisi kaNondyebo kaZwelonke (*National Treasury*), yazise ukuba iSigaba III seprogram ekwicandelo lemfundo esisiseko, siya kuqala ngowe-01 Apreli 2022 yaye siphele ngowe-30 Septemba 2022. Kuya kubakho amathuba omsebenzi ayi-21 000 okuba ulutsha olube yinxalenye yeSigaba, lungene kwizithuba zabancedisi ezikolweni kwiphondo ngokubanzi, II kwakunye nezo zikolo zichaze ukuba ziya kuba yinxalenye yeSigaba III.

4. ISigaba II siya kuphela ngowe-31 Matshi 2022 njengoko kuchaziwe kumhlathi 9 wesetyhula ekhankanywe ngaphambili. Abancedisi mabanikwe imvumelwano entsha eyenzelwe ithuba lemvumelwano yeSigaba III: 01 Apreli 2022 ukuya kowe-30 Septemba 2022. Iirekhodi ezifanayo

ezinxulumene nemvumelwano namaxwebhu ahamba nazo njengoko kuchaziwe kwiSigaba II mazigcinwe ezikolweni ukulungiselela iSigaba III.

5. Izikolo maziqaphele ukuba noxa imvumelwano entsha iya kunikwa bonke abancedisi abaqeshwe ngoku kwiSigaba II, kufakwe le miqathango ilandelayo kwimvumelwano entsha ekhutshiweyo:

5.1 Izikolo kufuneka zibenezatifikethi ii-*police clearance certificate* zabo bonke abancedisi abaqeshiweyo. Ukuba abunikwanga ubungqina besatifikethi i-*police clearance certificate* phambi kowe-31 Matshi 2022, umncedisi ke ngoko akanako ukuxhamla kwimvumelwano eqala ngowe-01 Apreli 2022.

5.2 Okwesibini, izikolo zinokuziphelisa iimvumelwano kuphela xa ngaba kukho isiqinisekiso sobungqina bokuba umncedisi akafuni kuqhubeka nethuba lomsebenzi elitsha le-*PYEI* III.

5.3 Iimvumelwano azinako ukwaliwa ngokusekelwe kwiimeko zentsebenzo ukuba inkqubo emiselwe ngokusemthethweni ayilandelwanga sisikolo ukulawula nokujongana nezi meko. Ubungqina benkqubo buya kukhusela isikolo kwiinkqubo ezinokwenzeka ezithatha ixesha elide ze-*Commission of Conciliation, Mediation and Arbitration* ukuba iimvumelwano azihlaziywanga.

6. Abancedisi baya kuhlala bekwezo ndidi zengqesho zabo zichaphazelekayo kude kube sekupheleni kukaSeptemba 2022. Izikolo ngokunjalo ziya kunikwa iileta ezibonisa amathuba omsebenzi abancedisi abelwe isikolo ukwenzela kwiSigaba III.

7. Kucelwa niqaphele ukuba kubaluleke kakhulu ukugcinwa ngokuqhubelekayo kweerekhodi ezinxulumene neemvumelwano, amaxwebhu ahamba nazo, iirekhodi zokubakhona emsebenzini, ezentsebenzo, nezobungqina obunxulumene nezemali njengokuba iprojekthi imele ukuthobela iinkqubo zophicotho-zincwadi.

8. Injongo ye-*PYEI* kukuba abancedisi bazuze amava anexabiso endawo yomsebenzi kwakunye nezakhono ezibalulekileyo eziya kuphucula ubuchule babancedisi bokufikelela kumathuba omsebenzi kwezoqoqosho emva kwethuba lemvumelwano yengqesho yabo.

9. Ndithemba ukuba ukuqaliswa kweSigaba III se-*PYEI* kuya kuhlala ithuba elide ukulungisa eminye yemingeni eyeyona ixhalabisa ngamandla kwicandelo lemfundo nokubonelela ngamava omsebenzi anexabiso kubancedisi.

ISAYINWE: NGU-B WALTERS
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2022-03-18